

**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG
UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBÉ
UHLELO OLUPHANTSI
(Iphepha Lesithathu)**

ICANDELO A

UMBUZO 1

UBUCHULE BOKUBHALA ISINCOKO NENDLELA YOKUPHONONONGA

1	Ukufikelela ngqo kwisihloko. - isihloko esivuselela umdla.	ibakala 4 uphumile kwisihloko tu. umxholo ongangqalanga	ibakala 3 ukufikelela kwisihloko, kodwa ingabonakalisi buchule namdla.	ibakala 2 ukufikelela ngokwanelisayo kwisihloko nobuchule ekutolikeni isihloko.	ibakala 1 ukufikelela ngqo kwisihloko, - ubuchule ekuyileni
	(4)	1	2	(3)	(4)
2	Isibizelo Amagama Iziphumlisi	Ilevel 1 - Impazamo ezimbalwa kakhulu zokupelwa kwamagama - Isigama esihle. - Ingcaciso yamazwi anika umdla. - Ukusetyenziswa ngendlela efanelekileyo yeziphumlisi.	Ileveli 2 - Impazamo ezimbalwa zokupelwa kwamagama - Amagama afanelekileyo. - Ingcaciso yamazwi avumelekileyo. - Impazamo ezisabalwa zeziphumlisi.	Ileveli 3 - Impazamo ezininzi zokupelwa kwamagama - Amagama angafanelekanga - Ingcaciso yamazwi enganiki umdla - Ukungasetyenziswa ngendlela efanelekileyo kweziphumlisi	
	(4)	(4)	(3)	(2)	
3	Ukwakhiwa. Kwezivakalisi Ukusetyenziswa kolwimi	- Ukuthungelelana kwezivakalisi ezahlukileyo nokwakhiwa kwazo - Indlela ecacileyo yokusetyenziswa kolwimi	- Izivakalisi ezipheleleyo - Indidi zezivakalisi ezahlukileyo - Ukusetyenziswa kakuhle kwezivumelanisi nezimelabizo 4/6	- Izivakalisi ezingaphelelanga - Imiyalelo engeyiyo yokusetyenziswa kolwimi ekuxhomekeka ekunqandeni umxholo	

4	Ukwahlulwa kwemihlathi	<ul style="list-style-type: none"> - Ukwahlulwa kwemihlathi kakuhle nobude bawo. - Umanyano lokufikelela kwisihloko - Umanyano lwemihlathi nezivakalisi usebenzisa ukulandelelana kwezihlanganisi 6/7 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukulinga ukukwahlula imihlathi - Umanyano lokufikelela kwisihloko olungenampumelelo. - Intshayelelo, isiqu, isiphelo esibubungqina. 3/5 	<ul style="list-style-type: none"> - Akukho kwahlulwa hlulwa kwemihlathi izivakalisi eziqukethe ngaphezu kwengcinga enye - Akukho bungqina obubonakalyo bentshayelelo, isiqu kunye nesiphelo ½
	(4)	(4)	(3)	(2)
5	Intshayelelo	<ul style="list-style-type: none"> - Intshayelelo efanelekeleyo, ebambekayo 5/6 	<ul style="list-style-type: none"> - Emfutshane. - Eneziqhamo. 	<ul style="list-style-type: none"> - Ende. - Ecubhulayo ½
	(2)	(2)	(1½)	(1)
6	Isiqu	<ul style="list-style-type: none"> - Ukulandelelana kweziganeko ezithi zakhe ilojiki ekufikeleleni kuvuthondaba olunomdla. 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukuzama ukulandelela iziganeko ezithi zifikelele kuvuthondaba oluvakalayo. 	<ul style="list-style-type: none"> - Uluhlu lweziganeko ezingavakaliyo eziswele ukulandelelaniswa kakuhle. - Akukho kufikelela kuvutho ndaba.
		7-8	5-6	3-4
7	Isiphelo	<ul style="list-style-type: none"> - Isiphelo esivakalayo esiqukumbela ibali ngomdla 	<ul style="list-style-type: none"> - Isiphelo esiswele umdla. 	<ul style="list-style-type: none"> - Akukho siphelo - Esikhoyo isiphelo sisiphelo nje esiqwetyiweyo.
	(2)	(2)	(1)	(½)

AMANQAKU: 30

ICANDELO B**UMBUZO 2****INDLELA YOKUPHONONONGA UKUBHALWA KWENCWADI (ILETA).****UHLELO OLUPHANTSI**

1	Indlela eyiyo ye: Dilesi Isibuliso Isiphelo	<u>Ibakala 1</u> 100% ukugqibelela Indlela efunekayo yokubhala.	<u>Ibakala 1</u> Izifinyezo/Iziphumlisi kwidilesi. Ukutsitywa komgca apho kuyimfuneko. Ukusetyenziswa kukanobumba ngendlela engeyiyo	<u>Ibakala 1</u> limpazamo ezimbalwa kwindawo ezithile: Izifinyezo / Iziphumlisi. kwidilesi. nomhla Ukungakrwelwa komgca kwisihloko. Isibuliso nesiphelo esingalunganga	<u>Ibakala 1</u> limpazamo ezininzi kuyo yonke indawo. Izifinyezo / Iziphumlisi. kwidilesi. Ukushiywa kwekhodi, umhla, isihloko sesivakalisi. Isibuliso esingafanelekanga nesiphelo.
	(3)	(3)	(2)	(1)	½
2	Indlela eyiyo, yorhwebo / yobuhlobo	100% elungileyo Indlela efunekayo yokubhala.	Indlela efunekayo yokubhala. Indlela ezimbalwa zobume – umgca ongatsitywangwa apho kuyimfuneko	Indlela eyiyo kodwa enempazamo ezimbalwa, Izinto ezishiyiweyo kubume	Indlela esemthethweni yokubhalwa kwencwadi yobuhlobo okanye indlela yencwadi yobuhlobo endaweni yasemthethweni.
	(2)	2	1½	1	½
3	Indlela eyiyo - Yokubhala - Imvakalo-zwi - Ingcaciso mazwi Iziphumlisi, ubume bezivakalisi.	- Indlela egqibeleleyo yokubhala, ingcaciso mazwi nemvalalizwi - Indidi zezivakalisi - Ezahlukeneyo - Ukwakhiwa. - Indlela ecacileyo yokusetyenziswa kolwimi.	- Indlela eyiyo yokubhala ,ingcaciso mazwi - Ubuchule bokulungisa mabufikelelwe ngempumelelo - Izivakalisi ezipheleleyo - Indidi zezivakalisi Ezisetenzisiweyo.	- Ukuzama ubuchule bokulungisa - Isiphelo esingenasi sombululo. - Izivakalisi Ezingaphelelanga - ukulinga okungacacanga	- Indlela engeyiyo kwaphela okanye imvakalo-zwi engeyiyo. Izivakalisi ezakhiwe ngokungacacanga nemihlathi.

	Iziphumlisi, ubume bezivakalisi, Imihlathi.	<ul style="list-style-type: none"> - Indidi zezivakalisi - Ezahlukileyo - Ukwakhiwa. - Indlela ecacileyo yokusetyenziswa. kolwimi kungekho ziphene kwisintakisi 	<ul style="list-style-type: none"> - Izivakalisi ezipheleleyo - Indidi zezivakalisi Ezisetyenzisiweyo - Imihlathi eyahlukeneyo yesiqu seleta 	Ezingaphelelanga <ul style="list-style-type: none"> - ukulinga okungacacanga ekwahlukaniseni imihlathi yesiqu seleta. 	
		14-15	12-13	10-11	9
4	Ukuncamathela ngqo kwisihlalo	<ul style="list-style-type: none"> - Ukuncamathela ngokuzeleleyo kwisihloko - Umxholo ofaneleyo - Ukufikelela Ngokupheleleyo kwinjongo 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukufikelela kakhulu kwisihloko - Ukufikelela ngempumelelo kwinjongo 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukuceba kwisihloko - Ukuswela inkcazelo - Ukunga phumeleli Ekufikeni kwinjongo 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukuphetha uphumile kwisihloko - Umxholo ongafanelekanga - Ukungenziwa ngqo kwengongoma ephathele nesihloko
		9-10	7-8	5-6	3-4
					AMANQAKU: 30÷2=15

UMBUZO 3

**INDLELA YOKUPHONONONGA UBUCHULE BEMPENDULO KUNCWADI
INDIMA EDLALAYO, IDAYARI ENTRI, UMBONGI, IMEMORANDAM, I-AJENDA, IMIZUZU, UBOMI BOMFI,
INQAKU LENDABA, ISIGXEKO-SINCOMO, ISINCOKO NGXOXO, UMPHANGA OSHICILELWEYO.**

	INDLELA YOKUPHONONONGA	ILEVELI 1	ILEVELI 2	ILEVELI 3	ILEVELI 4
1	Into ekhoyo ngqo elikhokco incwadi	Onke amanqaku afunekayo afakiwe kakuhle	- Uninzi lwamanqaku afunekayo athe ngqo - Ambalwa amanqaku ashiyiwe	Amanye amanqaku athe ngqo - ambalwa angathanga ngqo	- Ambalwa amanqaku athe ngqo - Amaninzi amanqaku ashiyiwe.
	(5)		(4)	(3)	(2)
2	Indlela eyiyo yokuyila	Ukuyila okuphezulu okukungenisa kwinto entsha	Isiphiwo esingqindelana nento ekhoyo	Isiphiwo sokuyila esincinane kakhulu 2-3	Akukho siphwo sokuyila kwaphela
	(10)	9-10	7-8	5-6	3-4
3	Ifomati	Ukubambelela ngqo kwifomati	Ukubambelela kakuhle kwifomati	Inxalenye ibambebele kwifomati	Akukho kubambelela kwaphela kwifomati
	(5)	(5)	(4)	(3)	(2)
4	- Imvakalazwi eyiyo - Isimbo skubhala - Ingcaciso-mazwi - Ukufaka iziphumlisi - Isakhiwo	- Ukumanyana ngqo okufanelekiyo kwendidi zezivakalisi - Isakhiwo esibonakalayo nokusetyenziswa kolwimi kakuhle kungekho ziphene ekubambeni izivakalisi.	- Izivakalisi ezifanelekileyo - Iindidi zezivakalisi ezisetyenzisiweyo.	- Inxalenye ayifanelekanga - Izivakalisi ezingaphelelanga ezibhadulayo	- Akukho kufaneleka kwaphela. - Ukwakhiwa kwezivakalisi
	(10)	9-10	7-8	5-6	3-4

AMANQAKU 30÷2 = 15

UMBUZO 4

INDLELA YOKUPHONONONGA UKUBHALWA KWEMIHLATHI EBHALWAYO
(Ukuzaliswa kweFomo, i meyili, Ucingo, Izibhengezo, ingxelo, i-CV

UHLELO OLUPHANTSI

1	Indlela eyiyo yokubhala (nje ngomzekelo othile	<u>Ibakala 1</u> Ukufikelela /kwindlela yokubhala (ifomati) ngokupheleleyo	<u>Ibakala 1</u> Ifomati eyiyo	<u>Ibakala 1</u> Ukweyama kancinci kwifomati	<u>Ibakala 1</u> Akukho kweyama
	(8)	(8)	6-7	4-5	2-3
2	Imvakalo-zwi eyiyo - Ukubhala - Ingcaciso - Iziphumlisi - Ukwakhiwa	- Ukubunjwa kweyantlu kwano yeendidi zezivakalisi - Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi olucacileyo nokungabikho kweziphene kwisintaksi	- Ukulunga nokubhalwa kwezivakalisi ezileleyo - Ukusetyenziswa kweendidi zezivakalisi ezahlukeneyo	- Ukungabikho kokuthile - Izivakalisi ezingaphelelanga	- Ukungabiko kokuthile kwaphela . - izivakalisi ezingenamdlala / ezingacacanga.
	(12)	(12)	10-11	8-9	6-7
3	Ukuncamathela ngqo kwisihloko ubude obufunekayo	- Ukuncamathela ngqo kwisihloko - Ukufikelela ngempumelelo kwinjongo - Ubude obufunekayo	- ukuncamathela / ukufikelela kwinjongo nakubude.	- Ubhala isihloko esingafikeleli kwinjongo ngempumelelo nobude	- Ukuphuma tu kwisihloko - Ukuba kude kwaphela
	(10)	(10)	8-9	6-7	5-6
	Ewonke: 30÷2=(15)				AMANQAKU: (15) [30]

ICANDELO C**UMBUZO 5
IINTSOMI****5.1 Sasinoncwadi Kwatanci - S.C. Satyo Nabanye**

5.1.1 Iintsomi zibaluleke kakhulu kuba:

- Ziyafundisa
- Zigxotha ubuvila
- Zichitha isithukuthezi.
- Ziyonwabisa
- Zenza kubekho ubudlelwano phakathi koomakhulu nabazukulwana.
- Ziphumza abantu kwiimbophelelo ezivunyiweyo zokuthetha njl.

1x4=(4)

- 5.1.2 (a) Ndinanto yam iyabhabha kodwa imi ndawonye
 (b) Ndinamntu wam unxibe mnyama, umlomo ubomvu
 (c) Ndinamabhayi am mabini alingana twatse.
 (d) Ndinamfazi wam ufa ebhinqile.

1x4=(4)

5.1.3 Ithetha ukuthi mandulo phaya iincwadi zingekabikho, uncwadi lwakwaNtu / LweMveli lwalukhona koko lungabhalwa. Luggqithiselwa kwizizukulwana ngezizukulwana ngomlomo.

(3)

5.1.4 Kuyinene ukuba intonga eludondolo yayisetyenziswa ukuva ubunzulu besiziba. Ithatyathwe le meko iyinene yasetyenziswa ukuphuhlisa nto yimbi ngoku. Kungqanyaniswa laa meko yokuviwa kwesiziba ngodondolo kunye neemeko zasekuhlaleni. Apha kukhuthazwa umntu ukuba angayincami into engayivelelanga macala onke.

(5)

- 5.1.5 - Ingoma zakwaNtu.
 - Amaqhina qashi-qashi.
 - Iintsomi.
 - Izibongo zomthonyama.
 - Izaci namaqhalo.

1x4=(4)

[20]

OKANYE**5.2**

5.2.1 Udyakalashi wacela umsebenzi wokugcina abantwana bakangonyama. Yavuma ke ingonyama yabashiya bobahlanu kudyakalashi ngelixa isaye kuzingela. Akubanga thuba lide wabanqwenela udyakalashi, waqalisa ukubatywa, Wamane esitya abemnye ngosuku, de wabagqiba bonke. Yayingasoli nto tu ingonyama kuba udyaki wayebasa ngamnye ngamnye kunina xa efuna ukubancelisa. Ngalo mhla etye owokugqibela ingonyama yabuya singalili isicaka sayo sigixa. Kwathi sakubuzwa, sathi kufike umhlambi weemfene sabatya bonke abantwana bengonyama. Kwathi ijwaqeka ngumsindo wathi udyaki omaqhingane mayiyekele kuye uza kuzizisa kwingonyama ngokwakhe ezo mfene zikhohlakeleyo.

[6]

- 5.2.2 Wahamba waya kufuna iimfene umfo kadyaki. Wazifumana wathi kuzo zimenyiwe yikumkani ingonyama ukuba ziye kuyiculela. Watsho esithi kukho iculo afuna ukuzifundisa lona. Ngenene zavuya kakhulu iimfene zatsho zisima ngendlela zifundiswa iculo. Amazwi eculo ayesithi “Ngobani na abatye abantwana bengonyama? Si-i-thi! Si-i-thi! Abatye abantwana bengonyama.” Zazikwengathethekiyo imincili iziyatha zeemfene ziqhathwa nengonyama ngudyakalasho. Wawungaziva xa zisitsho ngo-doh! Osityhakala. [6]
- 5.2.3 Ngosuku olumisiweyo zaya kugaleleka kwangonyama, zaqalisa ukucula, ikwayala ibhexeshwa ngudyaki ngokwakhe. Zagqibela zonwabile, zidabalele, ziculela ikumkani. Enyanisweni azizange zazi ukuba konakele phi na? Zabona ngengonyama sele ijwaqeka ngumsindo, itsibeleka kuzo. Zathi ziyaphuthuma ukuya emnyango zafika kuqamangelwe. Udyakalasho wayengasabonwa ndawo. Zaqwengwa kabuhlungu yingonyama zafa zingavumisanga ngenxa yobuyatha bazo. Isilumko esingudyakalasho sasebenzisa ingqondo saze sasinda ekubulaweni yingonyama. Izinyatho zeemfene zafela ityala lakhe zingenzanga nto. Ngenene izidenge ziba lilifa lezilumko apha ebomini. [8]
- JELO C: [20]**

UMBUZO 6 AMABAL' AMAFUTSHANE

6.1 *Apha Naphaya* - D.M. Jongilanga

- 6.1.1 Uyise kaDengana (1)
- 6.1.2 NguMaDlamini (1)
- 6.1.3 NoNovayithi. (1)
- 6.1.4 NguSolani. (1)
- 6.1.5 Ewe walithabatha. Waqalisa ukupheka emini atyise abantwana, indoda xa ibuya ifike iimbiza zixwebile nabantwana imilomo ngathi abakhange batye kwanto. (4)
- 6.1.6 ENxarhuni (1)
- 6.1.7 EMonti (1)
- 6.1.8 Yafumana umsebenzi wokutha ipalafini, ukuphala intloko nokucanda iinkuni. (3)
- 6.1.9 NguMamTola / yinkosikazi kaToni. (1)
- 6.1.10 Ishumi leerandi ngenyanga. (1)
- 6.1.11 Yafika yalima intsimi, yathengisa imifuno, iimbotyi neetapile. Yacanda isinga, yathengisa iinkuni elokishini. (3)
- 6.1.12 Impumelelo yomntu isezandleni zakhe. (2)
- [20]**

6.2

- 6.2.1 Ingxaki kaNozenza yindlala ebomvu eyaphantsa ukugqitha naye kunye nosapho lwakhe. Kwafika iinkumbi, umqikela nesichotho zatshabalalisa lonke uhlaza. Emva kweso sihelegu kwabakho indlala eyoyikekayo. (3)
- 6.2.2 UNozenza waqala wazula kwimizi yabamelwane, ebhadulela izitya. Wayengapheli kwaNongaliphi sele bekruqukile nguye. Ngenye imini kwatsha ityesi elapho ngokusuka uNongaliphi aphose umbengo ababeza kuwutya nomhlobokazi wakhe uNomawele. Bazenza abangazi ukuba ityesi le itshiswe yintoni? Batsho betyhola yena Nozenza ngokutsiba. Waqala isikhundla esitsha sokunkinqa kwaJubase. Nalapho bakruquka abantu ngakumbi abantwana.
- Emva koko wabhenela ebunyangazaneni. Wayesiba iibhokhwe zabantu ngobusuku. Babefika bangene ebuhlanti bayigwadise, zivalwe zonke iimbobo, ife ke ingakhalanga. Bekusakugululwa inyama ngobunono, ishiywe apho. Inyama le ibisakutyiwa ngobusuku kuhlanjwe iimbiza ngobunono. Kwathi akurhaneleka, waqonda ukuba uza kubanjwa waxoza mphini wumbi. (8)
- 6.2.3 Wahamba uNozenza waya kwantombi yakhe eMonti. Wazama ingqesho emizini yabeLungu. akuzange kube lula ukufumana umsebenzi kumntu ofana naye ongazange aye esikolweni, nongazange ambone umLungu. Phofu ekugqibeleni wawufumana umsebenzi wokuhlamba iimpahla. Akazange asebenze kuyaphi kuba kwangawo loo mhla waxovula impahla yomLungukazi esamenteni, wagxothwa. Waman' ukuncedisa apho kusebenza khona intombi yakhe, wada wawufunda umsebenzi wasemakhitshini. Ekuhambeni kwexesha wafumana umsebenzi osisigxina. Nanamhla oku uselapho eMonti udla ngokugoduka ngeempelaveki. (5)
- 6.2.4 Umbhali usifundisa ukuba ubuvila abulunganga kuba bungakwenzisa izinto eziphambene nomthetho. Usifundisa ukusebenzisa ingqondo nezandla esiziphiwe nguMdali, kuba kaloku impumelelo yomntu isezandleni zakhe. (4)

[20]

[80]